Isalathiso: 20210318-1710
Inombolo yefayili: 13/11/2
Imibuzo: Ngokweitheyibhile 17.1

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0002/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*), ezeSC neze-*Adult Education and Training (AET) Level 4*

Isihloko: Ukuqeshwa kwabagadi babaviwa ukwenzela iimviwo zokuxabangela zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*)/ezeSatifikethi seMatriki (*SC*) zangoJuni 2021, iimviwo ze-*Adult Education and Training (AET) Level 4* nezeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*), zango-Novemba 2021

1. Ngokwemimiselo ii-*Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of National Senior Certificate examination*, eyapapashwa kwi*Gazethi kaRhulumente No.* 37651 ye-16 Meyi 2014, **amasebe emfundo amaphondo makatyumbe inqununu yesikolo njengomgadi wabaviwa oyintloko weemviwo ze*NSC*.**

2. Iinqununu nabaphathi bamaziko emfundo yabadala banokuwudlulisela lo msebenzi, ngencwadi ebhaliweyo, kwilungu leKomiti yoLawulo yeSikolo (*School Management Team*) (*SMT*)) eliqeshwe liSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*). Nakuba kunjalo, inqununu/umphathi weziko uya kulwamkela ngokupheleleyo ekugqibeleni uxanduva nokuphendula ngokubhalwa kwazo zonke iimviwo kwisikolo/kwiziko akulo.

3. Umgadi wabaviwa oneqhuzu uya kusebenza njengomgadi wabaviwa oyintloko kwiimviwo ze*NSC* zokuxabangela neze*SC* eziya kubhalwa ngoMeyi/Juni i 2021.

4. Kwiimviwo ze*NSC* zangoNovemba 2021, umgadi wabaviwa oneqhuzu (*senior invigilator*), ekufuneka abe ngumntu wasekuhlaleni, kulindeleke ukuba ancedise umgadi wabaviwa oyintloko ekulawulweni nasekubhalweni kweemviwo. Akuvumelekanga, phantsi kwazo naziphi iimeko ukuba umgadi wabaviwa oneqhuzu makaluthathele kuye ngokupheleleyo uxanduva lwayo yonke imisebenzi yezolawulo enxulumene noviwo lwe*NSC* lwangoNovemba 2021.

5. Kucelwa iinqununu nabaphathi bamaziko emfundo yabadala bafune abantu basekuhlaleni abafanelekileyo abaya kusebenza njengabagadi babaviwa abaneqhuzu kunye nabagadi babaviwa bezi mviwo zikhankanywe ngentla.

6. Inqununu/umphathi weziko okanye lowo kudluliselwe kuye amagunya makaqinisekise ukuba kuzaliswa zonke ezi zihlomelo ziqhotyoshelwe kule ngcaciso imfutshane yaye makungeniswe amaxwebhu ayintsusa. **likopi azisayi kwamkeleka**.

IsiHlomelo A & B – Z83
IsiHlomelo C – Ukuqeshwa kwaBagadi baBaviwa
IsiHlomelo D – I-DBE form **(enenombolo yerhafu nesitampu sebhanki)**
IsiHlomelo E – Uxwebhu lweMvumelwano yeNgqesho yeThutyana yaBantu baseKuhlaleni
IsiHlomelo F – IFOM i**-***MIE Personal Credential Disclosure Form*
IsiHlomelo G – *I-Attendance Register*

7. **Ukutshekisha ukufaneleka kwabagadi babaviwa**

Inqununu/umphathi weziko okanye lowo kudluliselwe kuye amagunya makaqinisekise ukuba bonke abagadi babaviwa batshekishiwe ukuqinisekisa ukufaneleka kwabo, yaye batyunjwe ngokoMmiselo *Regulation 57(1)(c) of the Public Service Regulations, 2016*.

7.1 IsiHlomelo F (*MIE Form*) masizaliswe ngabo bonke abagadi babaviwa abatyunjiweyo.

(a) Ukutshekishwa kwengcaciso engolwaphulo-mthetho
(b) Ukungqinisiswa kobumi
(c) Ukungqinisiswa kwamabanga emfundo
(d) Ukungqinisiswa kweenkcukacha zengqesho zangaphambili

8. La malungu asekuhlaleni alandelayo **akanako** ukuqeshwa njengabagadi babaviwa:
- Amagosa eSebe iWCED okanye amalungu asekuhlaleni aqeshwe kwizikhundla ezisisigxina okanye kwezemvumelwano.
- Amalungu asekuhlaleni agxothiweyo enkonzweni kulo naliphi na isebe likarhulumente waseMzantsi Afrika.
- Utitshala okanye ilungu lasekuhlaleni elathatha ipakheji yomhlalaphantsi ngokuzithandela (*voluntary severance package*) kulo naliphi na isebe likarhulumente waseMzantsi Afrika.
- Utitshala okanye ilungu lasekuhlaleni elidla umhlalaphantsi ngenxa yokugula kulo naliphi na isebe likarhulumente waseMzantsi Afrika.
- Abenzi-sicelo abaneminyaka eyi-65 ubudala nabaya kuba begqiba iminyaka eyi-65 ngethuba lokugada abaviwa.

9. Kucelwa iinqununu nabaphathi bamaziko emfundo yabadala ukuba bagaye KUPHELA abantu abazifezekisayo iikhrayitheriya ezichazwe kumhlathi 10.

10. **Iikhrayitheriya zokuqeshwa kwabagadi babaviwa**

10.1 Umntu unokuqwalaselelwa ukuqeshwa kuphela njengomgadi wabaviwa oyintloko, umgadi wabaviwa oneqhuzu okanye umgadi wabaviwa xa ngaba:

10.1.1 uneminyaka eyi-25 ubuncinane kodwa angabikho ngaphezulu kweminyaka eyi-65 ubudala;

10.1.2 akasiso isizalwane somviwa obhala iimviwo okanye;

10.1.3 akanguye umyeni okanye inkosikazi yesizalwane somgadi wabaviwa oyintloko;

10.1.4 ungummi waseMzantsi Afrika; nokuba

10.1.5 unebanga lemfundo le*NSC*/*SC* ubuncinane.

11. **Inani lilonke labagadi babaviwa**.

11.1 Ukongeza kumgadi wabaviwa oyintloko, **makuqeshwe umgadi wabaviwa abe mnye kwi-30 nganye yabaviwa. Onke amagumbi makasetyenziswe ngokomthamo wawo opheleleyo phambi kokuba kusetyenziswe elinye igumbi elongezelelweyo**.

11.2 Kwiiseshoni apho kukho kuphela abaviwa abambalwa, ziya kwanela iinkonzo zomgadi wabaviwa omnye. Kwiimeko ezilolu hlobo, umgadi wabaviwa oneqhuzu okanye oyintloko akasayi kwenza misebenzi yesiqhelo yokugada abaviwa, ngaphandle nje kokubambela umgadi wabaviwa amakakhaphe umviwa ukuya kwigumbi langasese.

11.3 Ukuba bonke abaviwa ngamadoda, kucetyiswa ukuba umgadi wabaviwa oyintloko, umgadi wabaviwa oneqhuzu nabagadi babaviwa mababe ngamadoda ngokunjalo. Ukuba bonke abaviwa ngamabhinqa, kucetyiswa ukuba umgadi wabaviwa oyintloko, umgadi wabaviwa oneqhuzu nabagadi babaviwa mababe ngamabhinqa. Ukuba kukho abaviwa abangamadoda nabangamabhinqa yaye umgadi wabaviwa oyintloko ngumntu oyindoda, ubuncinane omnye wabagadi babaviwa makabe libhinqa, okanye, ukuba umgadi wabaviwa oyintloko libhinqa, ubuncinane omnye wabagadi babaviwa makabe yindoda.

11.4 Xa kufuneka iinkonzo zabagadi babaviwa abongezelelweyo ukulawula amagumbi okubhalela iimviwo amabini okanye ngaphezulu ngaxeshanye, umgadi wabaviwa oyintloko akasayi kwenza misebenzi yesiqhelo yokugada abaviwa, koko kuya kufuneka ukuba enze imisebenzi yomgadi wabaviwa oyintloko kuwo onke amagumbi ekubhalelwa kuwo.

12. **Ukutyunjwa kwabagadi babaviwa**

12.1 **Iimviwo ze*NSC* zokuxabangela zangoJuni 2021, eze*SC* neze-*AET Level* 4**

12.1.1 Inqununu/umphathi weziko okanye lowo kudluliselwe kuye amagunya uya kutyunjwa njengegosa lezoviwo eliyintloko (*chief examination officer*) yaye uya kuphendula ngokumalunga nolawulo nokusingathwa kweemviwo zangoJuni 2021 ze*NSC*/*SC*. Igosa leemviwo eliyintloko liya kuncediswa ekuqhutyweni kweemviwo zangoJuni 2021 ze*NSC* neze*SC* ngumgadi wabaviwa oneqhuzu (ngumntu wasekuhlaleni). Lo mntu uya kuqeshwa njengomgadi wabaviwa oyintloko.

12.1.2 Inqununu/umphathi weziko, uya kutyumba ngencwadi ebhaliweyo, abantu abangamalungu asekuhlaleni abaya kuba besebenza njengomgadi wabaviwa oyintloko nanjengabagadi babaviwa kwiimviwo zangoJunii 2021 ze*NSC* zokuxabangela/*eze-SC* neze-*AET Level 4*.

12.1.3 Inqununu/umphathi weziko makaqhube udliwano-ndlebe kunye nomntu otyunjwe njengomgadi wabaviwa oneqhuzu ukuvavanya ubuchule bokufunda, ukubhala nokuva nokubanako ukubona komntu otyunjiweyo, kwakunye nemeko yempilo yakhe ngokubanzi. Abantu abatyunjiweyo mababenako ukuyiqonda ngokucacileyo yaye bayiphumeze imiyalelo yoviwo.

12.1.4 Emva kokuba inqununu/umphathi weziko enelisekile kukuba umgadi wabaviwa oneqhuzu ngumntu onako ukwenza imisebenzi efunekayo, makasayine ileta yokuqeshwa ukulungiselela umgadi wabaviwa oneqhuzu.

12.1.5 Umgadi wabaviwa oyintloko nomgadi wabaviwa oneqhuzu makaxelelwe ukuba kuya kufuneka beze kwiseshoni yoqeqesho lwabagadi babaviwa eqhutywa liSebe iWCED.

12.1.6 Ilisti neefom zokuqeshwa zabo bonke abantu abangamalungu asekuhlaleni abaqeshwe njengabagadi baviwa kwezi mviwo malungeniswe kwi-ofisi yesithili engadlulanga **ngolwesibini, we-16 Apreli 2021.**

12.1.7 UMququzeleli woVavanyo neeMviwo kwi-ofisi yesithili makadibanise iifom zabatyunjiweyo ezifunyenweyo kuwo onke amaziko okubhalela iimviwo yaye zingeniswe iifom kwaNdlunkulu ngebhetshi enye edityanisiweyo engadlulanga **ngolwesihlanu, we-23 Apreli 2021.**

12.2 **Iimviwo ze*NSC* zangoNovemba 2021 neze-*AET Level 4* zangoNovemba 2021**

12.2.1 Kwiiseshoni zeemviwo ze*NSC*, inqununu okanye umphathi weziko makaqinisekise ukuba **i-50% yabagadi babaviwa ngootitshala ize i-50% ibe ngabantu basekuhlaleni**.

12.2.2 Ootitshala abasebenza njengabagadi babaviwa **akuyomfuneko** ukuba bafakwe kwishedyuli epheleleyo yokugada abaviwa kwiseshoni nganye yoviwo.

12.2.3 Utitshala onomntwana obhala iimviwo ze*NSC* esikolweni apho utitshala aqeshwe khona**, makangatyunjwa** njengomgadi wabaviwa.

12.2.4 Kunyanzelekile ukuba utitshala angabandakanyeki ekubagadeni abafundi ababhala isifundo asifundisayo esikolweni.

12.2.5 Inqununu mayiqeshe ngencwadi ebhaliweyo bonke ootitshala abaya kusebenza njengabagadi babaviwa kwiimviwo ze*NSC*. Ilisti neefom zokuqeshwa zabo bonke ootitshala nabantu basekuhlaleni abaqeshwe njengabagadi babaviwa mayingeniswe kwi-ofisi yesithili engadlulanga **uLwesihlanu we-06 Agasti 2021**.

12.2.6. UMququzeleli woVavanyo neeMviwo kwi-ofisi yesithili makaqokelele yaye ahlanganise iifom zamagama atyunjiweyo *(nomination forms*) ezisuka kuwo onke amaziko okubhalela uviwo izingenise ezi fom kwaNdlunkulu zikwibhetshi enye ehlangeneyo (*one collated batch*) **engadlulanga uLwesihlanu, we-13 Agasti 2021**.

13. **Imisebenzi yabagadi babaviwa abaziintloko, eyabagadi babaviwa abaneqhuzu neyabagadi babaviwa**

13.1 Imisebenzi yabagadi babaviwa abaziintloko, eyabagadi babaviwa abaneqhuzu neyabagadi babaviwa, iyavela kwi-***Examination Procedure Manual*, eqhotyoshelwe apha njengesiHlomelo A.**

13.2 Abagadi babaviwa mabangabancedisi abaviwa kuyo nayiphi imisebenzi etenxileyo (*irregular activities*) ngethuba lokubhalwa koviwo. ISebe *WCED)* alisayi kulibazisa ekubekeni izimangalo zokwaphulwa komthetho ngakuye nawuphi na umgadi wabaviwa ofunyenwe enetyala lwako nakuphi ukubandakanyeka kwisitenxo (*irregularity*).

13.3 Abagadi babaviwa abaziintloko, abagadi babaviwa abaneqhuzu nabagadi babaviwa mabaphathe **izazisi zabo, iirekhodi zezifundo zakutshanje abazipasileyo neemvumelwano zengqesho** ngalo lonke ithuba lokubhalwa kweemviwo.

13.4 Iinqununu mazenze ithayimthebhile yokugada abaviwa ize ingeniswe kumphathi wesekethe ochaphazelekayo nje ukuba kuvunywe ukuqeshwa kwabagadi babaviwa.

13.5 Ithayimthebhile yokugada abaviwa mayibandakanye abagadi babaviwa kunye nabagadi babaviwa ababambeleyo kwiseshoni yoviwo nganye.

14. **Uqeqesho lwabagadi babaviwa beemviwo ze*NSC, zeSC* neze-*AET Level 4***

14.1 Uqeqesho lweenqununu, abagadi babaviwa abaziintloko nabagadi babaviwa abaneqhuzu nabantu basekuhlaleni, luya kuqhutywa **ngo-Agasti nangoSeptemba 2021** yaye lunyanzelekile.

14.2 Abagadi babaviwa abaneqhuzu abahlala **kumgama we-75km** ukusuka esikolweni okanye kwiziko apho kuqhutywa khona uqeqesho **baya kuhlawulwa iseshoni enye eyongezelelweyo** ukwenzela imbuyiselo yeendleko zeehambo.

14.3 Abagadi babaviwa abaneqhuzu abahlala **kumgama ongaphezulu kwe-75km** ukususka kwindawo apho kuqhutywa khona uqeqesho **baya kuhlawulwa iiseshoni ezimbini ezongezelelweyo** ukwenzela imbuyiselo yeendleko zokuhamba.

14.4 Inqununu yesikolo mayiqinisekise ukuba bonke ootitshala nabantu basekuhlaleni abaqeshwe njengabagadi babaviwa, baqeqeshwe ngokupheleleyo ekwenzeni imisebenzi yabo yokugada abaviwa.

14.5 Uqeqesho malususele (*must be cascaded*) kwiinqununu nakubagadi babaviwa abaziintloko ukuya kubo bonke abagadi babaviwa abangekayi kwiseshoni yoqeqesho kwaNdlunkulu.

14.6 Irejista zababekho kuqeqesho mazizaliswe njengobungqina kwinqanaba lesikolo yaye mazibonise ixesha nendawo ekwakuqhutyelwa kuyo uqeqesho namagama abagadi babaviwa ababekwiseshoni leyo.

15. **Ukutyunjwa nokuvunywa kwamagama abagadi babaviwa abaziintloko, abagadi babaviwa abaneqhuzu nabagadi babaviwa ukulungiselela zonke iimviwo**

15.1 **IsiHlomelo A no-B (Z83)** masizaliswe yinqununu okanye ngumphathi weziko. Umphathi wesekethe uya kungqinisisa amagama abatyunjiweyo acebise ngokutyunjwa kwabo emva koko agqithisele amaxwebhu kuMququzeleli woVavanyo neeMviwo kwaNdlunkulu ukwenzela ukuvunywa kwawo kokugqibela nokuqeshwa kwabo. **IsiHlomelo C** masizaliswe yaye sisayinwe yinqununu okanye ngumphathi weziko.

15.2 **IsiHlomelo G** masizaliswe yaye sisayinwe yinqununu okanye ngumphathi weziko ukungqinisisa inani leeseshoni ezigqityiweyo.

15.3 Amagama abagadi babaviwa abaneqhuzu abatyunjiweyo, makahanjiswe neekopi ezingqinisisiweyo zesazisi somntu ngamnye otyunjiweyo, iSivi *(Curriculum Vitae*) elikhasi elinye (eenengxelo yamabanga emfundo akhe), emayiquke ubuncinane isatifikethi sabo seBakala 12.

15.4 Kukhethwa ukuba mabangaqwalaselelwa ukuqeshwa abenzi-sicelo okanye abatyunjiweyo ababefake izicelo zokuqeshwa ngokusisigxina kwezinye iindawo.

15.5 Kuphela ngumntu ekuvunyiweyo ukutyunjwa kwakhe nguNdlunkulu onokwenza imisebenzi njengomgadi wabaviwa. Akuvumelekanga naphantsi kwazo naziphi iimeko ukuba abagadi babaviwa batyumbe abagadi babaviwa ababambeleyo nakweyiphi inxenye yomsebenzi wabo.
Ukuba iimeko ziyamthintela umgadi wabaviwa oyintloko, umgadi wabaviwa oneqhuzu okanye umgadi wabaviwa ukuba agade abaviwa kuviwo, inqununu okanye umphathi weziko, ngokuthetha-thethana nomphathi wesekethe, makenze amalungiselelo okutyunjwa komgadi wabaviwa obambeleyo kwaye malaziswe ngoko nangoko iCandelo loLawulo lweeMviwo ngolo tshintsho. Abagadi babaviwa ababambeleyo nabo mabangenise ngokunjalo iinkcukacha zabo zeebhanki neenombolo zesalathiso

zerhafu (*tax reference number*) **kwisiHlomelo D** esiqhotyoshelweyo. **Makuqatshelwe ukuba ngamaxwebhu ayintsusa kuphela angeniswayo.**

16. **Imvumelwano yokwenziwa kwenkonzo**

Bonke abagadi babaviwa abaziintloko, abagadi babaviwa abaneqhuzu nabagadi babaviwa, mabazilungiselele ukungena kwimvumelwano yokwenziwa kwenkonzo (*service contract*) neSebe i*WCED* ngokumalunga nemisebenzi neemfanelo zabo eziphathelele kwiimviwo. Le mvumelwano iya kusebenza kwiimviwo **zangoJuni 2021 neemviwo zangoNovemba 2021**.

17. **Ukungeniswa kweefom zokutyumba abagadi babaviwa**

17.1 Emva kokungqinisiswa **kweziHlomelo A& B (Z83), C, D E**, no**-I, uMququzeleli woVavanyo neeMviwo** makazingenise zikwibhetshi enye **kwigosa elichaphazelekayo kula axelwe ngezantsi:**

MAKUQATSHELWE: KUPHELA NGAMAXWEBHU AYINTSUSA AYA KWAMKELWA YAYE AQWALASELWE

ISithili	**Igosa elichaphazelekayo**	**Inombalo yefoni.**
Metro North	Johnnie Isaacs (KwaNdlunkulu)	021 467 2974
Metro Central	Farrel Jacobs (KwaNdlunkulu)	021 467 28939
Metro Central	Gail Laguma (KwaNdlunkulu)	021 467 2909
Metro South	Peggy Thomas (KwaNdlunkulu)	021 467 2930
Metro East	Gideon Dilgee (KwaNdlunkulu)	021 467 2941
West Coast	Patricia Liguma (KwaNdlunkulu))	021 467 2936
Cape Winelands	Lindsay Weber (KwaNdlunkulu))	021 467 2732
Overberg	Patricia Liguma (KwaNdlunkulu))	021 467 2936
Eden and Central Karoo	George Valentine (KwaNdlunkulu)	021 467 2978

17.2 **Isishwankathelo semihla yokungensiwa kweefom zabagadi babaviwa abatyunjiweyo:**

17.3 Iimviwo zokuxabangela zangoJuni 2021 zeNSC/zeSC neze-*AET Level 4:* **23 Apreli 2021**

17.4 Iimviwo zangoNovemba zango-2021 ze*NSC* neze-*AET Level* 4: **13 Agasti 2021**

18. **Ukuhlawulwa kwabagadi babaviwa**

18.1 ISebe i-*WCED* liya kubatyumba kwaye libahlawule abagadi babaviwa abangabantu basekuhlaleni ngokungqinelana nemimiselo ye-*Personnel Administration Measures* (*PAM*) **iSahluko D**.

18.2 **Izikolo ezizimeleyo, iikholeji neentolongo, zinoxanduva lokuhlawula abagadi babaviwa bazo.** Nakuba kunjalo, iinqununu zezikolo ezizimeleyo, iintloko zeekholeji nezeentolongo maziqaphele ukuba **kunyanzelekile ukuzalisa iziHlomelo A, & B (Z83), C no-E yaye zibuyiselwe kwiSebe i*WCED*** nangona abagadi babaviwa bala maziko bengahlawulwa liSebe i-*WCED*.

18.3 **Abasebenzi benkonzo karhulumente nootitshala (abaqeshwe ngokwemvumelwano**) abafumana **umvuzo kwiSebe i-*WCED* nabasebenza njengabagadi babaviwa, abayi kuhlawulwa** liSebe i-*WCED* ngemisebenzi yokugada abaviwa abayenzileyo.

18.4 Ireyithi yentlawulo yokugada abaviwa ngoku (esengatshintsha) yi-**R257,10 ngeseshoni nganye kumgadi wabaviwa oneqhuzu** ize ibe yi-**R171,40 ngeseshoni nganye kumgadi wabaviwa**.

18.5 **Abagadi babaviwa abasayi kuhlawulwa phantsi kwazo naziphi iimeko ngeendleko zeehambo eziphathelele ekwenzeni imisebenzi yokugada abaviwa**. Iinqununu kunye nabaphathi bamaziko, ngoko ke, mabaqeshe abagadi babaviwa abangabantu basekuhlaleni abafumana iinkonzo kweso sikolo okanye kwelo ziko.

18.6 Imimiselo (*IRP10*) engokuhlawulwa kwerhafu yomqeshwa imisela ukuba yonke imivuzo yabantu abaqeshwe ngokungesosigxina mayitsalelwe irhafu ye-25%. ISebe i-W*CED* liya kuthi, ngoko ke, litsale **i-25% eyirhafu yezixa zentlawulo yabagadi babaviwa ngeenkonzo abazenzileyo.** Ngoko ke, **ukungeniswa komyalelo werhafu yabaqeshwa (*tax directive*) (*IRP 3*) akusasebenzi.**

18.7 Abagadi babaviwa abafanele ukuxolelwa ngokupheleleyo okanye ngokuyinxenye kwintlawulo yerhafu yabaqeshwa, mabathi emva kokuba befumene izatifikethi ze-*IRP 5* bazingenise kwi-ofisi yabo *yeReceiver of Revenue* ekufutshane nabo, kwakunye nefom emiselweyo eyi-*IT12 S form*. Ii-*IRP 5 certificates*, ziya kuthunyelwa ngekhuriya esikolweni ngoJuni okanye ngoJulayi kunyaka olandela lowo bebengabagadi babaviwa ngawo.

18.8 Ukwenzela ukuba kukhawuleziswe intlawulo yamabango, abagadi babaviwa abaneqhuzu okanye abagadi babaviwa mababhale **inombolo yesazisi zabo** kwifom yokwamkela ukuqeshwa baze baqhoboshele ikopi yesazisi eqinisekisiweyo. **IsiHlomelo D** ekubhalwe kuso kwakhona **inombolo yesalathiso yerhafu (*tax reference number*)** masizaliswe ngabo **bonke abagadi babaviwa abaneqhuzu nangabagadi babaviwa abangabantu basekuhlaleni.** Le fom mayizaliswe kwaye ingqinwe njengechanekileyo kwaye i-akhawunti yebhanki mayingqinwe njengesebenzayo yibhanki echaphazelekayo.

19. Kucelwa uqinisekise ukuba ikopi yale ngcaciso imfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo inikwa nqununu okanye umphathi weziko okanye lowo idlulisele kuye amagunya, umgadi wabaviwa oneqhuzu kunye nomgadi wabaviwa owongezelelweyo ngamnye.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-03-30